


Esi sisibaya sikaTata.

UTata ubuka isibaya.


UTata ubona ibululu esibayeni.


Ibululu likhulu kakhulu!

UTata uyaloyika ibululu.

Ibululu malihambe!

UTata ubiza uDadobawo.





UDadobawo ubona ibululu.

UDadobawo uyaloyika ibululu.


Ibululu malihambe!

UDadobawo ubiza abafana ababini.

Abafana babona ibululu.

Abafana bayaloyika ibululu.

Ibululu malihambe!




UTata uyakhuza.

UDadobawo uyakhala.

Abafana bayakhuza





Ibululu liyababona.

Ibululu liyabeva.

Ibululu liyaboyika.

Ibululu liyabaleka.

Libuyela kwikhaya lalo.

Ibululu lihambile.

Bakhululekile!

